

# Indlela yokusebenzisa le ncwadi:

Njengotitshala kuza kufuneka wenze izicwangciso ezilungiselela imisebenzi yokufunda notitshala eklasini. Ngokwesiqhelo xa kufundwa notitshala, utitshala usebenza nabafundi bonke, kodwa ukuba abafundi baninzi kakhulu kuya kulunga ukuba utitshala asebenze neqela okanye inxalenye yabafundi ngexesha. Kufuneka kuqinisekiswe ukuba abantwana bahlala kakuhle ukuze bakwazi ukuyibona Incwadi Enkulu ukuze bakwazi ukufunda okubhaliweyo.

Xa kufundwa Incwadi Enkulu umntwana ufunda ukuphatha incwadi ngendlela eyiyo, ukuyibamba ayimise nkqo, atyhile namaphepha kakuhle. Ufunda isigama esingencwadi, umzekelo, uqweqwe, umphambili, umva nesihloko. Ukufunda notitshala kukwabonisa inkqubo yokufunda kwaye kubalulekile ekuphuhliseni izakhono zabantwana zokumamela, ukuthetha, ukufunda, ukuqiqa nezokubhala njengoko kugunyazisiwe yinkqubo kaCAPS:

- Ukuphuhlisa izakhono zokumamela nokuthetha.
- Ukuphuhlisa izakhono zokufunda ezisakhulayo.
- Ukuphendula imibuzo esekelwe ebalini.
- Ukuthatha inxaxheba kwiingxoxo nokunikana ithuba lokuthetha.
- Ukuzoba nokulinganisa ibali.
- Ukuqikelela ukuba lingantoni na ibali ngokujonga imifanekiso.
- Ukusebenzisa ithuba lokufunda notitshala njengesiseko sokubhala notitshala.

## Ukulungela ixesha lokufunda Incwadi Enkulu

- Qinisekisa ukuba incwadi ibonwa ngabantwana bonke.
- Ukuba baninzi kakhulu abafundi bakho, bahlule babe ngamaqelana.
- Kungaluncedo ukuba nexhayi lencwadi onokubeka kuso incwadi ukuze ungayibambi ngokwakho xa ufunda. (Jonga imiyalelo yokwenza ixhayi lencwadi kuqweqwe lwangasemva.)
- Yiba nento yokwalatha nokuba yirula oza kwalatha ngayo amagama xa ufunda.
- Ukuba ufuna ukugxininisa igama elithile, ungancamathelisa amaphetshana ajikeleze elo gama okanye wenze 'ifesitile'. Thatha iphepha uze usike uxande embindini. Wakugqiba beka uxande olo phezu kwamagama ukuze kuvele kuphela igama elinye, eli ulifunayo.

## Ukufunda notitshala okokuqala

Ukufunda kokuqala kugxila kulonwabo nokubona amagama okokuqala, nabantwana bethetha ngebali.

- Tyhila ubabonise ibali abaza kulifunda.
- Thetha ngemifanekiso ekhoyo. Abafundi mabaqikelele ibali ngokujonga isihloko nemifanekiso.
- Bafundise amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba abafundi bafunde ibali.
- Yenza amakhadi amagama oza kufundisa ngawo isigama esitsha.
- Funda ibali ngendlela eza kubonisa imvakalelo, ukutshintsha-tshintsha kwelizwi, isantya sokufunda nemvakalo-zwi. Sebenzisa izijekulo/izandla nembonakalo yolusu/yobuso.
- Yalatha amagama  ngerula xa ufunda ukuze abafundi babone la magama uwafundayo ukuze bakwazi ukudibanisa isandi kunye nophawu olusephepheni. Oku kuya kubanceda babone inkqubo yokufunda ukusuka ngasekhohlo uye ngasekunene nokusuka ngasentla uye ngasezantsi.
- Eli thuba lisebenzisele ukufundisa 'ulwimi lwencwadi' olufana namagama, izivakalisi, iphepha, umbhali, isihloko, njalo-njalo.
- Abafundi mabathathe inxaxheba ebalini, bangenelele kwiindawo ezinamabinzana aphindaphindwayo (umz. "Naliya isela elenze le nto, lisihlazisa sonke! Qhiwulani, qhiwulani!"
- Kufuneka ibali lifundwe kabini okanye kathathu ukuze abafundi babe nethuba lokuphinda-phinda bonke ngaxeshanye izicuku zamagama, benze imidlalo belinganisa ibali okanye babalise iindawo ezithile besebenzisa awabo amagama.

## Ukufunda notitshala okwesibini

- Xa kufundwa okwesibini kusetyenziswa isicatshulwa esinye kwaye kugxininiswa ukubandakanyeka xa kufundwa notitshala kusetyenziswa iingxoxo eziphuhlisa isigama, ukuqonda, izakhono zokucalula neemo zezicatshulwa (igrama, iziphumlisi, njl.)
- Kukuwe titshala ukugxininisa kwizifundo ezingale miba: ulwazi ngeembalo, iimpawu zeembalo, izandi, iipatheni zolwimi, ubuchule bokuchonga amagama nokuqonda ngokwamanqanaba ahlukeneyo (intsingiselo eqhelekileyo, ukulungelelanisa, intsingiselo efihlakeleyo, ukuhlola nemibuzo ebonisa ukuqonda okunzulu.)

## Ukufunda notitshala okwesithathu

- Kwityeli lesithathu lokufunda kufuneka abantwana bafunde ibali ngokwabo, benze imisebenzi ethethisayo, eyenziwayo nebhalwayo esekelwe ebalini.
- Apho kunokwenzeka, ibali elifundwe notitshala kufuneka libe luncedo kumsebenzi wokubhala notitshala apho utitshala abonisa indlela yokubhala ibali. Abantwana nabo baba nenxaxheba ekuyilweni kwesicatshulwa ngeli xesha utitshala adlala indima yokukhuthaza nokubhala ebhodini. Oku kubonisa inkqubo yokubhala kunceda ekufundiseni abantwana ukuba bakwazi ukubhala eyabo imisebenzi.



## Amabali akule ncwadi:




1 Isilo-qabane sikaLisa 1





2 UJojo uya kwisikolo esitsha 14

# 1 Isilo-qabane sikaLisa



Inyanga yayikhanya ngathi kusemini. Kwakusezinzulwini zobusuku bangoLwesihlanu. ULisa wayehleli ethe qwa phezu kwebhedi yakhe. Wayecinga ngenjana awayeza kuyifumana xa eye kwivenkile yezilwanyana noNomsa ngentsasa elandelayo.

ULisa wayekuphela kwentombazana engenasilo-qabane kwiklasi yakhe kuba wayehlala efl ethini.

Bathi bakufudukela kwindlu ezimeleyo wazigcinela imali ukuze azithengele injana. Wayenemali eyaneleyo ngoku, enakho ukuzithengela injana ayifunayo.

Kwasa okungaliyo. ULisa wavuka wahlamba, wanxiba waza walinda umhlobo wakhe uNomsa.

UNomsa wayethembise ukuba uza kumkhapha uLisa ukuya kwivenkile ethengisa izilwanyana ukuze amkhethise isilo-qabane.

Ngelingeni wafika uNomsa baze bahamba.

La mantobazana mabini ahamba ngokuzimisela ukuya kwivenkile ethengisa izilwanyana. Ayechwayite omabini, encokola, ehleka kamnandi endleleni.

ULisa waziva ediniwe waza wahlala phezu kokutya kwezinja okwakupakishwe apho ukuze aphumle umzuzwana.

Wabona amantshontsho enja amathandathu elele engobozini. Wasondela wamana ukuwaphulula ekhangela ukuba leliphi anokulikhetha.



"Ufuna intshontsho lenja?" wabuza umphathi wevenkile.

"Ewe. Ndiza kuqala ukuba nesilo-qabane," waphendula ngodlamko olukhulu.



"Kulungile ke, mandikuchazele ngala mantshontsho," watsho umphathi.

"La anebhanti ebomvu, eluhlaza nemthubi entanyeni sele ethengisiwe. Uza kukhetha phakathi kwala mabini."

"Kuza kufuneka ukhethe phakathi kweli linebhanti epinki neli linebhanti ezuba."

"Kulungile," watsho uLisa. "Eli linebhanti emsobo lona? Ingaba lithengisiwe nalo?"

"O, eliya," waphendula umphathi, "Akunakulithenga lona kuba lenzakele emlenzeni. Alizokwazi ukubaleka okanye ukudlala ngebhola."

Amehlo kaLisa alaqaza ejonga iihoko zezilwanyana ezazilapho. Wabuka izinja ezifukufuku ezimhlophe, ezinebala elimdaka ezincinci, ezinkulu, ezinobubele nezimthubi. Wajonga neekati namantshontsho azo.

Amehlo kaLisa ayengafuni ukusuka kwinjana enebhanti emsobo. Wayemana eyiphulula.

Injana yaphakamisa iindletyana zayo, yajiwuzisa umsila imthe ntsho uLisa ngaloo mehlo ayo amdaka.

ULisa waphinda wajonga ezinye izilwanyana ezisevenkileni. Wajonga amantshontsho amathandathu asengobozini. Wathoba wathatha injana enebhanti elimsobo wayisondeza esifubeni sakhe.

Wayiphulula ngobubele waza wajika wajonga kumphathi.

"Akunani nokuba ayikwazi ukudlala ibhola okanye ukubaleka," watsho.

Watsho enyusa umlenze wejini yakhe wambonisa izixhasi zamathambo ezisemlenzeni wakhe.

"Ndazalwa ndinomlenze ongasebenzi kakuhle," watsho. "Nam andikwazi ukubaleka nokudlala ibhola. Kodwa ndiyathandwa ekhaya nangabahlobo bam. Yeyona nto ibalulekileyo kum leyo."

Wajika wajonga kuNomsa, "Uthini wena Nomsa?"

Wanqwala uNomsa evuma naye ephulula injana enebhanti elimsobo.

"Ndicela ukuhlawula, Mem," watsho uLisa. "Ndifuna ukuthenga eli ntshontsho linebhanti emsobo. Ndithanda lona."

"Uza kuba nekhaya elikukhathalelayo nonjana," walisebezela enikezela imali kumphathikazi.



Yajiwuzisa umsila wayo injana ivuya ukuphuma kukaNomsa noLisa kuloo venkile.

Athi chu la mantombazana ukuhla indlela ephethe injana enebhanti elimsobo.


Wawunokuweva encokola onwabile egoduka.



# 2 UJojo uya kwisikolo esitsha



Kwakungemnandi kwaphela kuJojo esikolweni. "Bekutheni ukuze ndize kwesi sikolo?" wambombozela ezigqume ubuso. "Abantwana balapha bakhohlakele!"



Kulo nyaka uphelileyo kwaye kwafuneka ukuba uJojo aye kuhlala notata wakhe eRhawutini. Kwanyanzeleka ukuba ashiye unina nodade wabo ekhaya eLimpopo.

Washiya isikolo sakhe saselalini nabahlobo bakhe. Ngoku wayehlala kwisixeko saseGoli efunda kwisikolo esikhulu esinabantwana abamalunga newaka bebonke.

Nganjikalanga ithile, abantwana baphuma baya kumabala emidlalo. UJojo wema wabukela, wayengenaso isibindi sokuya kubo. Wasuka wagoduka ehamba yedwa.

Wahamba ngendlela yakhe yesiqhelo enqumla ebhulorhweni, egqitha ngakwivenkile yeempahla zemidlalo nangakwaWimpy inqumle ibala.

Wathi esanda kuqabela ibhulorho wamiswa ngamakhwenkwe ayethanda ukuvuyelela abanye.

Omnye waloo makhwenkwe wahlutha ubhaka wakhe. Amana ukuphoselana ngawo.



Emva koko, uBruce, omnye wamakhwenkwe amadala asesikolweni wamgila wawisa izipekisi zikaJojo. Wazichola wabaleka nazo waza waziphosa endleleni.

UJojo wazichola waza waqaphela ukuba azophukanga. Akazange akholwe ukuba nethamsanqa elingako. Wayecinga ukuba zakophuka zibe ziingceba, kodwa zange kube njalo.

Ngethamsanqa zawela phezu kwekhadibhodi zaza azabetheka phantsi.

UJojo wathatha ubhaka wake nezipekisi zakhe naloo bhokisi. Wamangaliswa kukuva ibhokisi inobunzinyana. Wayishukumisa. Kwakukho into ngaphakathi. Wayishukumisa kwakhona.

Wayijikajika ekhangela ukuba ingaba ayibhalwanga gama lamntu na. Wayivula ngobunono waza wabona isihlangu sokudlala ibhola ekhatywayo sasekunene.

Wabhekabheka efuna ukuqonda ukuba akukho mntu usiwise ngempazamo na. Wasilinganisa waza wafumanisa ukuba simlingana twatse. "Sinceda ntoni sisinye nje," wazithethela. "Usinxiba njani isihlangu esinye?"



Ngelo xesha kanye, unovenkile waphosa esinye isihlangu.

"Asikwazi ukuzithengisa ezi," wamchazela njalo uJojo. "Kaloku bezilinganiswa ngabo bonke abathengi," watsho.

UJojo wasichola neso isihlangu. Yayisesangasekhohlo sihambelana nesiya sangasekunene. "Tyhini, siyandilingana!



"Zezakho ke!" watsho unovenkile.

"Siza kufumana ezinye ezitsha ngomso. Ngentsimbi yesithathu emva kwemininje kuza kufika uBig Ben intshatsheli yebhola ekhatywayo yeqela leBears laseNgilane. Ndicoca ivenkile kuba uza kubhengezela apha."

Ngaloo mzuzu kanye wafika uBig Ben.

"Molo." wakhwaza ebulisa uJojo. "Ndiza kuqeqesha iqela lesi sikolo sikwesi sitalato silandelayo. Uyeza?"

"Hayi, Mnumzana," waphendula uJojo. "Andiyoncutshe noko kwibhola ekhatywayo."

"Ungubani igama lakho?" wabuza uBig Ben.

"NdinguJojo, Mnumzana."

"Ungaxhali wena kuza kulunga." Engekaqondi nokuba kwenzeka ntoni uJojo, wazibona ehamba noBig Ben bewela ibhulorho kwakhona besiya kwibala lebhola ekhatywayo.

"Ufuna ntoni apha?" wabuza umqeqeshi emthe ntsho uJojo.

"UJojo uhamba nam kwaye udlala kwicala lam," waphendula msinya uBig Ben.


"Yiza ke Jojo, ndifuna uzimisele udlale njengomdlali ophambili."


UJojo wangena ebaleni wadlala ngathi kudala edlala. Yayingathi ulawulwa zizihlangu zakhe.

Ababukeli bamangaliswa yindlela adlala nakhaba ngayo, bazibona sebekhwaza, "Jojo! Jojo!"

UJojo wafaka inqaku, waphinda wafaka elinye.

UBig Ben wabeka isandla sakhe egxeni wamncoma kakhulu uJojo wathi, "Udlale kakuhle kakhulu Jojo."





UBruce
namanye
amakhwenkwe
angabaxhaphazi bafane bathi
nkamalala. Babengakholwa ukuba
nguJojo lo bambona edlala.

"Jojo," watsho uBig Ben, "Akunyanzelekanga ukuba uthandwe ngumntu wonke. Inye into ebalulekileyo yindlela ozibona ngayo, nocinga ngayo ngesiqu sakho."

Nomqeqeshi wayemangalisiwe.

"Udlale kakuhle kakhulu, Jojo. Uza kudlalela iqela lethu?" wabuza.

"Hayi, Mqeqeshi enkosi," watsho uJojo. "Ndilunge ndinje, Mnumzana."

"Okubalulekileyo yindlela endicinga ngayo ngesiqu sam," wasebeza ezithethela.



Siyanamkela kolu thotho lweeNcwadi Ezinkulu. Le Ncwadi Inkulu iyinxalenye yothotho lweencwadi iRainbow Series oluquka iincwadi zokusebenzela, isisele (ingqokelela yeendidi zeembalo), iincwadi zokufunda ezahlulwe ngokwamanqanaba kunye neepowusta. Siyathemba ukuba la mabali ahlukeneyo akwezi Ncwadi Zinkulu zisibhozo zeli banga aya kuba luncedo ekufundiseni kwakho, nokuba abafundi baya kukonwabela ukufunda kunye nawe.

INgxelo yeNkqubo yeKharityhulam noVavanyo iCAPS yesiGaba esisisiSeko igxininisa ekufundeni notitshala njengenxalenye ebalulekileyo yobuchule bokufunda. Ukufunda notitshala kukholisa ukuthatha iintsuku ezimbini ukuya kwezine ngeveki apho bonke abantwana bafunda incwadi enye.

Ukusebenzisa iNcwadi Enkulu enamagama amakhulu yeyona ndlela ilungileyo yokufunda notitshala kuba abantwana bayakwazi ukubona amagama nemifanekiso, bakulandele naxa ufunda ngendlela efana naleyo bayiqhelileyo yasemakhaya yokubalisa amabali neentsomi. Kubalulekile ukuba bahlale kufuphi neNcwadi Enkulu ukuze bakwazi ukubona nokufunda amagama. Amagama amakhulu eNcwadi Enkulu enza kube lula ukufundela abafundi abaliqela ukhwaza ngexesha elinye kwimeko ekhululekileyo nengoyikisiyo.

Iincwadi Ezinkulu ezikolu thotho ziza kufundisa abafundi bakho amabali ahlukeneyo, imibongo, izicengcelezo nemidlalo emifutshane kwakunye nolwazi  nemifanekiso.

Luxanduva lwakho njengotitshala ukuba wenze amabali aphile kunjalonje wakhe imeko yolonwabo nochulumanco. Ukufunda Incwadi Enkulu kwenza ukuba ukwazi ukufundisa ukufunda ngendlela eyonwabisayo kuwe nakubafundi bakho. Siyathemba ukuba le ncwadi iya kukunceda wenze kanye loo nto.




## Zenzele elakho ixhayi lencwadi

### Uza kufuna oku:



1. Ikhadibhodi enobubanzi obulingana nobeNcwadi Enkulu ivuliwe (594 mm) nobude obuphindwe kathathu (1369 mm).
2. Iteyiphu encamathelisayo.
3. Iiphegi zokwaneka iimpahla ezimbini zokubamba ikhadibhodi.

Goba ikhadibhodi yenze imilo engu-A uze udibanise isiseko nomphambili njengoko ubonisiwe apha ngezantsi. (Dibanisa iziqwenga zekhadibhodi ngeteyiphu yokuncamathelisa ukuba akunasiqwenga side ngokwaneleyo.)











## Iingcebiso malunga nokusetyenziswa kweNcwadi Enkulu

- Funa iplasitiki ecacileyo oza kuyibeka phezu kweNcwadi Enkulu. Iya kuba luncedo kuwe nakubafundi nibe nakho ukubhala phezu kwayo.
- Bhala phezu kweplasitiki ngepeni  esulekayo (imakha yokubhala kwibhodi emhlophe).
- Qhoboshela iplasitiki yangaphezulu kwiNcwadi Enkulu ngephegi okanye ngekliphu.

ISBN 978-1-4315-2940-7

ISBN 978-1-4315-2940-7

THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.




basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education

First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

The Big Books in this series are available in all languages. They were developed by a team of UNISA Language and Education experts as part of their Community Engagement contribution to South Africa's education sector.

**Author: V McKay**